Isalathiso: 20190715-6747
Inombolo yefayili: 13/8/1
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0006/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Kucelwa izicelo zesithuba sokuba ligosa elingumakhi-mkhanya (*monitor)* kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2019/20 nakwiimviwo zeSatifikethi seMatriki (*SC*)

1. Uqinisekiso lomgangatho, ulawulo olusemgangathweni nokusingathwa kweemviwo ngempumelelo yimiba ebaluleke gqitha kuwo onke amanqanaba nakuwo onke amaziko (karhulumente nakulawo azimeleyo) ukuqinisekisa imfezeko nokuthembeka kweemviwo. Oku kubandakanya utyelelo olungaxelwanga kwangaphambili ngamagosa angabakhi-mkhanya (*monitors*) atyunjwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*), kumaziko ekubhalelwa iimviwo kuwo kwakunye neenqununu/nabaphathi bamaziko ekubhalelwa kuwo iimviwo abamkela uxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo kuzo zonke iimviwo eziqhubeka ezikolweni zabo.

2. Imimiselo nemigangatho eyeyona isezantsi ekubekweni esweni kwamaziko ekubhalelwa iimviwo kuwo ngethuba leemviwo icacisiwe kumgaqo-nkqubo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination*, owawupapashwe kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 37651 yowe-16 Meyi 2014.

3. ISebe i*WCED* ngokwenjenje licela ootitshala ababeqeshiwe ngaphambili (abadla umhlala-phantsi) okanye amagosa anamava ngokubhalwa nolawulo lweemviwo olufanelekileyo, enze isicelo sokuba ligosa elingumakhi-mkhanya (*monitor)* ukubeka esweni iimviwo ze-*NSC* zango-2019/20 neze-*SC*.

4. Abenzi-sicelo abalindelekileyo mabathobele ezi khrayitheriya zilandelayo:

4.1 Ngokhe waqeshwa ngethuba elingaphambili njengomphathi wesekethe, ingcali yemfundo eyintloko, isekela lengcali yemfundo eyintloko, umcwangcisi wekharityhulam omkhulu, umcebisi ngezifundo, ingcali yemfundo eneqhuzu, inqununu, isekela nqununu, intloko yecandelo lezifundo, igosa loviwo okanye njengomgadi wabaviwa oyintloko okanye oneqhuzu kweso sikolo.

4.2 Ngonamava eminyaka emithathu ubuncinane njengegosa elingumakhi-mkhanya okanye ekubhalweni, ekulawuleni nasekuphatheni iimviwo ze-*NSC*/ze-*SC*.

4.3 Ngongadlulanga kwiminyaka yobudala eyi-69.

5. Abenzi-sicelo mabasebenzise izithuthi zabo ukuya kwenza umsebenzi wokuba ligosa elingumakhi-mkhanya.

6. Onke amagosa angabakhi-mkhanya aya kuphicothwa ukuba awufanele na umsebenzi (*vetted*).

7. Amagosa angabakhi-mkhanya aya kuqeshwa ukususela ngowe-16 Oktobha 2019 ukuya kowe-28 Novemba 2019 kwiimviwo ze-*NSC*. Amagosa angabakhi-mkhanya atyunjiweyo kufuneka kwakhona afumaneke ukususela ngowe-29 Apreli 2020 ukuya kowe-12 Juni 2020 ukubeka esweni iimviwo ze-NSC/ze-*SC*, ukuba kuyimfuneko.

8. Onke amagosa angabakhi-mkhanya atyunjiweyo kufuneka aye kuqeqesho lokuba ngamagosa angabakhi-mkhanya oluya kucwangciswa ngo-Oktobha 2019, phambi kokuba iimviwo ziqale.

9. Intlawulo yamagosa angabakhi-mkhanya (*monitors*) isekelwe kumaxabiso amiselweyo (*rates*) acaciswe kwi-*Personnel Administrative Measures* (*PAM*), njengoko apapashiweyo kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 39684 yowe-12 Februwari 2016.

10. Izicelo mazingeniswe ngomhla okanye phambi kowe-**19 Agasti 2019**.

11. Izicelo zinokungeniswa kuphela ngomatshini nokuba kungekhompyutha okanye ngefoni eyimobhayili kusetyenziswa le linki ilandelayo:https://bitlylink.com/Vc25V.

12. Kucelwa iinqununu, abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe nabacebisi ngezifundo bazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abenzi-sicelo abalindelekileyo. **ICandelo loLawulo loVavanyo alinakubekwa tyala ngokuba abenzi-sicelo abalindelekileyo bengaziswanga ngokuqulathwe apha**.

13. ISebe i*WCED* lithembele kwintsebenziswano nakwinkxaso yenu kulo mbandela ubaluleke kangaka.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-07-30